



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2021

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

- | | |
|-------------------------------------|------|
| ICANDELO A: Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ngamandla ukuba usebenzise malunga nama:

- 80 emizuzu kwiCANDELO A.
- 40 emizuzu kwiCANDELO B.
- 30 emizuzu kwiCANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

11. UBUDE BEEMPENDULO:

ICANDELO A: Izincoko- Bhala isincoko esili-190-240 amagama.

ICANDELO B: Imihlathana emide- Bhala ama-80-100 amagama.
[umxholo kuphela]

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane- Bhala ama-60-80 amagama.
[umxholo kuphela]

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190-240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Andinakulilibala elo bali | [50] |
| 1.2 | Izinto ezitshintsha ilizwe | [50] |
| 1.3 | Ndandingalilindelanga ke elo bhaso | [50] |
| 1.4 | Ukufundela ekhaya kungangcono kunokufundela esikolweni | [50] |
| 1.5 | Indima edlalwa ngamaqonga onxibelewano eluntwini | [50] |
| 1.6 | Xa ndinokubangumdlali odumileyo ndingakhetha ukubangu ... | [50] |
| 1.7 | Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho. | |

1.7.1

[Uthathwe ku: www.nauka-polska.pl]

[50]

1.7.2

[Uthathwe ku: www.pymnts.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ubemNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA YOBULHOBO

Bhala ileta eya kumhlobo wakho umxelele ngesicwangciso sakho sonyaka ozayo.

[30]

2.2 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini elimalunga nokubiwa/ukuxhwilwa kwabantwana abangamantombazana.

[30]

2.3 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo yabasebenzi ababini bexoxa ngokuhlawulwa kwerhafu yezinto ezithengiswa evenkileni (VAT).

[30]

2.4 INTETHO

Bhala intetho oza kuyenzela abahlali kwindingqi yakho ubafundisa ngokunokwenziwa ngenkunkuma.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathi omfutshane ubemNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

3.1 ISIMEMO

Bhala isimemo umeme unontlalontle kumsitho wokukhuthaza abafundi oza kubanjelwa esikolweni sakho.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Bhala iposikhadi eya kumakazi wakho umxelele ngotyelelo lwakho kwintaba yeTafile eKapa.

[20]**3.3 IMIYALELO**

Bhala imiyalelo yokusebenzisa umashini wokuhlamba iimpahla oza kuyinika umntu oza kuncedisa ekhaya.

[20]**AMANQAKU ECANDELO C:****20****AMANQAKU EWONKE:****100**